Isalathiso: 20170622-2299
12/16/6/4
Imibuzo: GC de Bruyn/JC Titus

INgcaciso eMfutshane yeCandelo i-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0003/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) kwiiNtloko zamacandelwana namacandelo akwaNdlunkulu, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*IMG*, kwiiNtloko zoQuquzelelo neeNgcebiso kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi beZifundo, kwiiNtloko zamaziko eBakala R abhalisiweyo, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente,

Isihloko: **AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke ka-2017**

1. AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke (*National Teaching Awards*) (*NTA*) athathela ingqalelo ukutshatshela kwezemfundo nemigangatho exhomileyo yokufundisa kwaye anika abo bakwinkonzo yezemfundo ithuba lokubhiyozela impumelelo yootitshala abamsebenzi utshatshele ngokukodwa.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), ngako oko, linebhongo ngokuba liza kubamba yaye liququzelele itheko lamabhaso okuwonga ootitshala bephondo lonyaka we-17 , elandulela itheko le-*NTA* loNyaka we-18.

3. Apha kuqhotyoshelwe iSikhokelo seNgcaciso esikwikhompyutha (*electronic version of the Information Guide)*, esineefom zokutyumba amagama neekhrayitheriya zokufaneleka. Kucelwa niqaphele ukuba izikolo aziyi kubonelelwa ngeekopi eziprintiweyo. Ziyacelwa izikolo ziziprinte ezi fom zokutyumba ziqhotyoshelweyo ukwenzela ukuzaliswa kwazo.

4. Kucelwa bonke ootitshala, amabhunga olawulo namagosa ezithili ukuba bangenise amagama abatyunjiweyo ngokusekelwe kwiikhrayitheriya ezikwiSikhokelo seNgcaciso, kwiinqununu zabo okanye kubaphathi bamaziko abo.

5. Ootitshala abafanele ukuwongwa banokutyunjwa kwezi ndidi zilandelayo:

   - UkuTshatshela ekuFundiseni iBakala R
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiPrayimari (AmaBakala 1 – 7)
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiSekondari (AmaBakala 8 – 12)

- UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiPrayimari
- UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiSekondari
- UkuTshatshela ekuFundiseni kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa nakwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi
- UkuTshatshela kwiThekhinoloji – iBhaso lokuFunda nokuFundisa okuPhuculweyo
- UkuTshatshela ekuFundiseni iMathematika *(GET)*
- UkuTshatshela ekuFundiseni i-*Natural Sciences* (*GET)*
- IBhaso i-*Nelson Mandela* leMpumelelo kwezeMfundo ngeXesha lonke loKuphila

6. Kucelwa iinqununu nabaphathi bamaziko bathumele iifom ezinamagama abatyunjiweyo ezizaliswe ngokupheleleyo kwii-ofisi zezithili zazo ukulungiselela ukuba ziqwalaselwe ngabaququzeleli bezithili. Ukuba ufuna ingcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane nomququzeleli wesithili ochaphazelekayo nodweliswe apha ngezantsi:

Isithili	**Um(aba)ququzeleli weSithili**	**linkcukacha zoqhagamshe-lwano**	**Idilesi ye-imeyili**
Metro East	Ms Genevieve Rhode	021 900 7035	Genevieve.Rhode@westerncape.gov.za
	Mr Keith de Wet	021 900 7036	Keith.DeWet@westerncape.gov.za
Metro Central	Ms Lesley Hutchings	021 514 6945	Lesley.Hutchings@westerncape.gov.za
Metro North	Mr Trevor Adams	021 938 3016	Trevor.Adams@westerncape.gov.za
	Mr Owen Weeder	021 938 3174	Owen.Weeder@westerncape.gov.za
Metro South	Mr Rowan Esau	021 370 2016	Rowan.Esau@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mr Alton Koenze	023 348 4673	Alton.Koenze@westerncape.gov.za
	Mr Bertram Jacobs	021 348 0633	Bertram.Jacobs@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Mr David Sampson	044 803 8341	David.Sampson@westerncape.gov.za
Overberg	Mr Edward Kies	028 214 7367	Edward.Kies@westerncape.gov.za
West Coast	Mr Avril Daniels	022 719 1809 082 639 7554	Avril.Daniels@westerncape.gov.za
Provincial Office (CTLI)	Mr Gavin de Bruyn	021 900 5062/37	Gavin.Debruyn@westerncape.gov.za
	Ms Jacqueline Titus	021 900 5035	Jacqueline.Titus@westerncape.gov.za

7. Kucelwa ootitshala abatyunjiweyo bazazi iikhrayitheriya nenkqubo yokugweba (*adjudication)* ukukhetha abafanelekileyo.

8. Niyacelwa niqwalasele oku kulandelayo njengoko kucacisiwe kwiSikhokelo seNgcaciso

   Ukulungiselela ukukhetha abaphumeleleyo kwinqanaba lezikolo ezisebenzisanayo, kwelephondo nakwinqanaba likazwelonke, kuya kufuneka abo batyunjiweyo benze inkcazo-ntetho (ngoPowerPoint okanye ngephowusta) ngeekhrayitheriya eziqhelekileyo nangezo zikhethekileyo, beqaqambisa umsebenzi wabo omawuthathelwe ingqalelo ukulungiselela eli bhaso linqwenelekayo. Oku kuya kuthathwa njengodliwano-ndlebe lokugqibela lokukhetha abaphumeleleyo kwizikolo ezisebenzisanayo, kwiphondo nakuzwelonke.

9. Ngootitshala abahlanu abona baninzi abanokwenza ikomiti yodidi ngalunye.

10. Umhla wokuvalwa kokungeniswa kwazo zonke iifom zamagama abatyunjiweyo athunyelwa kubaququzeleli bezithili ngowe-**11 Agasti 2017.**

11. Abo baphume isibini nabo baphume phambili *(winners)* kwizikolo ezisebenzisanayo nakwiphondo (abaphume phambili baya kufumana umntu ngamnye iivawutsha ze-*Information and Communication Technology* (*ICT*) zamaxabiso ahlukeneyo emakuthengwe ngazo izinto kumboneleli-nkonzo ze-*ICT* owaziwayo (*reputable ICT service provider*), o.k.t.:

Inqanaba	**Ixabiso le-*ICT voucher***
Abaphume phambili kwizikolo ezisebenzisanayo	R 4 000
Abaphume kwindawo yesibini neyesithathu (Abaphume kwindawo yesi-2 neyesi-3)	R 2 000
Abaphume phambili kwiphondo	R 12 000
Abaphume kwindawo yesibini kwiphondo	R 7 000

12. Izisikolo eziphumeleleyo ziya kufumana ibhaso eliyimali eyi-R 5 000 (kwizikolo ezisebenzisanayo) ne-R 7 500 (kwiphondo) isikolo ngasinye ngalowo uphume phambili, nemayisetyenziselwe ukuphucula umgangatho womsebenzi wokufundisa kootitshala abafundisayo nokuphucula indlela yokufundisa eklasini.

13. Ukongeza apho, abaphumeleleyo kuwo omabini amanqanaba, elezikolo ezisebenzisanayo nelephondo kuDidi lokuTshatshela ekuFundiseni i-*Natural Sciences* (*GET*), baya kufumana ibhaso elivela kwi-*CapeNature* leholide yempela-veki kwiindawo zokutyelela zayo ezikwiphondo ngokubanzi. Ukufumana ingcaciso

engaphezulu unokuqhagamshelana nomququzeleli wesithili ochaphazelekayo okanye neCandelo le-*Cape Teaching and Leadership Institute*.

14. AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke axhaswa yiNtloko yeSebe leMfundo, yimibutho yabasebenzi, yimibutho yamabhunga olawulo nanguMphathiswa wePhondo ojongene nezeMfundo.

15. Kukhuthazwa bonke abahlali abayinxalenye yesikolo (*school community)* ukuba bathathe inxaxheba ekutyumbeni ootitshala abafanele ukungenela amaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke.

16. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abafundisayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA : 2017-07-25